




VAKALISA ULUVO LWAKHO! ISIPHAKAMISO SOKWENZIWA KWENDLELA EYA KWICALA ELINYE ENESITHINTELO SEXESHA YEZINNIA ROAD, SILVERTOWN, E-ATHLONE

ICandelo loZinzo loThutho eDolophini leSixeko saseKapa limema abahlali, abazali, kunye nabasebenzisi bendlela ukuba bavakalise uluvo malunga nesiphakamiso esingokwazisa inkqubo yendlela eya kwicala elinye enesithintelo sexesha eZinnia Road ukusuka eLower Klipfontein Road ukuya ngaseDurant Road eSilvertown. Esi siphakamiso senzela ukuphucula ukuhamba kwezithuthi, ukuphucula ezokhuseleko ezindleleni, kunye nokwenza imeko yendlela elawulekayo ngakumbi engqonge iSilverlea Primary School, ummandla onabasebenzisi bendlela abaninzi abasesichengeni ngezithuba zikaxakeka zokothula (07:00 – 08:00) nangezithuba zokulayisha (12:30-15:00) ukususela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu. Ngokuthatha inxaxheba kule nkqubo, iimbono zakho nokunika ingxelo, kunganceda ukubumbeni ingingqi ekhuselekileyo, esebenzayo ngakumbi kuye wonke umntu.

Nceda ujonge kwimephu yommandla ukuze uqaphele isiphakamiso sokuguqulwa kwendlela eya kwicala elinye enesithintelo sexesha.



Isiphakamiso siquka:

- Indlela eya kwicala elinye enesithintelo sexesha ngasecaleni eZinnia Road, ukusuka eLower Klipfontein Road ngaseDurant Road ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu, 07:00 – 08:00 nango12:30-15:00.

Amaqela anomdla nachaphazelekayo angahlola okanye adowunlowude ingxelo engezobuchwepheshe nesiphakamiso soyilo kwa www.capetown.gov.za/haveyoursay okanye www.capetown.gov.za/collaborate

Ngokwecandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kwakunye namaqela anomdla lunikwa ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye iimbono ukususela ngowe11 kweyeThupha (Agasti) ukuya kowe11 kweyoMsinsti (Septemba) 2026.

Izimvo, izindululo kunye neembono zingangeniswa ngolu hlobo:

Imeyile: Urbanmobility.CT@capetown.gov.za
(ubhale iriferensi 110262704)

Intanethi: www.capetown.gov.za/haveyoursay nakwa
www.capetown.gov.za/collaborate
okanye uskene iQR khowudi

Izimvo ezibhaliweyo: kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu, kumgangatho we3 kwiPodium Block, kwiZiko loLawulo leeNkonzo zoLuntu laseKapa, 12 Hertzog Boulevard, Cape Town 8001

IBhungana 11: kwiZiko loLawulo leeNkonzo zoLuntu iDulcie September, c/o Protea neKlipfontein Road, Kewtown, eAthlone

IThala leeNcwadi: kwikona yeDobson neKlipfontein roads, eAthlone

Usuku olungengcaciso: Zimasa usuku olungengcaciso kuluntu ngowama26 kweyeThupha (Agasti) 2026 ukusuka ngeye12:00 ukuya kweye15:00 eSilverlea Primary School, Zinnia Road, Silvertown, eAthlone



Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneka izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. Qhagamshelana noZandile Mahlasela kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu kwa021 400 5501 okanye uimeyilele ku Zandile.Mahlasela@capetown.gov.za ukuba unayo nayiphina imibuzo ngokumalunga nendlela yokungenisa izimvo zakho.

Qhagamshelana noTim de Villiers ku Timothy.DeVilliers@capetown malunga nesiphakamiso esingemibuzo engezobuchwepheshe

Nceda uqaphele: Izicelo zamanyathelo amatsha okuthomalalisa ugxalathelwano lwezithuthi mazingeniswe kwii-ofisi zeBhungana elichaphazelekayo.

